

Inombolo yefayili.: 6/4/3/1
Isalathiso: 20240925-6985

INGcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loKuthengwa kweMpahla neNkonzo: 0002/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-Ofisi zeZithili), kumaSekela Balawuli, kuBaphathi beeSekethe nakumaGosa kwaNdlunkulu nakwii-Ofisi zeZithili

Isihloko: Inkqubo esetyenziswayo yokuthengwa kwempahla neenkonzo kuhlaziyo lweemvumelwano zee-SIM khadi kunye nezixhobo zeWi-Fi

1. Injongo yesi saziso kukwazisa onke amagosa eSebe leMfundo leNtshona Koloni e-*Supply Chain Management (SCM)* ngenkqubo yokuthengwa kweempahla neenkonzo esetyenziswa xa kuhlaziywa iimvumelwano zee-SIM khadi neempahla neenkonzo ezinxulumene noko.
2. Zonke izicelo zee-SIM khadi nezixhobo ze-Wi-Fi, kubandakanywa nezicelo zohlaziyo lweemvumelwano, mazikhatshwe kukungeniswa ngokusesikweni kwefom yerikhwizishini (LOG 1) namaxwebhu axhasayo. Iimfuno zokuthenga zezi zilandelayo:
 - (a) Ifom yerikhwizishini (LOG 1), ebonisa iphakheji ekhoyo ngoku enikezelwa ngumniki-nkonzo – eququzelelwa liCandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso
 - (b) Ifom i-Basic Accounting System allocation form (PGWC 002).
 - (c) Isicelo esivunyiweyo se-*Information and Communication Technology Operational Committee (ITOPSCOM)* kwiziko/icandelo leendleko ezifanelekileyo.
3. Amagosa afaka isicelo sohlaziyo lweemvumelwano ze-SIM khadi nezixhobo ze-Wi-Fi kufuneka abambelele kwinkqubo yohlaziyo ye-SCM ngokwenza oku kulandelayo:
 - (a) Ukunikezela ngoluhlu lwamagama abo bonke abantu abanikwe ii-Sim khadi kunye nee-SIM khadi abazinikiweyo yaye baqinisekise ukuba zeziphi ii-SIM khadi ezikulungeleyo ukuhlaziya imvumelwano.
 - (b) Bagcine iirekhodi ezineenkukacha zonke zamagama abo bonke abantu abanikwe izixhobo ze-Wi-Fi ngokuhambelana nee-SIM khadi ezifanelekileyo ukulungiselela ukuphendula kumacandelo ahlukeneyo.
 - (c) Ukuba i-SIM khadi ilahlekile kwicandelo, kufuneka icinywe kuze kungeniswe iifom zokulawula izinto ezilahlekileyo (*lost control forms*) ukuze kwenziwe ingxelo.

- (d) Amagosa afanelekileyo akuluhlu lohlaziyo lwemvumelwano kufuneka abuyisele izixhobo zawo ze-Wi-Fi ezindala, kubandakanywa nee-SIM khadi ezindala, ukuze afumane ezintsha.
4. Onke amagosa makathobele imiqathango yesi saziso ukuthintela ukusetyenziswa gwenxa kwepropathi karhulumente.
 5. Abaphathi abajongene nestokhwe (responsibility managers) mabalawule ngempumelelo ulawulo lwelahleko kwiiyunithi zabo ukuqinisekisa ukuba amagosa athatha uxanduva ngelahleko.
 6. UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, ka-1999 (uMthetho 1 ka-1999), unyanzelisa le migaqo ingasentla njengoko ubonelela ngamanyathelo nolawulo emazithathwe xa kusingathwa loo lahleko.
 7. Ukuba i-SIM khadi okanye isixhobo se-Wi-Fi silahlekile okanye sibiwe, igosa elo malicele ukutshintshelwa ngokungenisa ifom ezaliswe ngokupheleleyo i-WKOD 28, ifom i-WKOD 030 kunye nefom yerikhwizishini (LOG 1) kubandakanywa nesicelo se-ITOPSCOM sokunika ingxelo yolawulo lwelahleko.
 8. Makwaziswe onke amagosa achaphazelekayo oku kubhalwe kwesi saziso ukuze akuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-LJ ELY

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEENKONZO ZEZIKO

UMHLA: 2024-12-13